



UGONYO LWECOVID-19: Okufuneka ukwazi



Ukungaqiniseki ngevaksini yeCOVID-19

- Yinto eqhelekileyo ukuba nemibuzo.
- Iivaksini zaziphelisa izifo ezingubhubhane njengepoliyo nemasisi. Iintsana nabantwana bazifumana iivaksini ukuthintela ezi zifo kwanezinye izifo.
- Iivaksini zeCOVID-19 zikhuselekile kwaye sele zibusindisile ubomi babantu kumazwe amaninzi.



Ivaksini zeCOVID-19 zikhuselekile kwaye ziyasebenza

- Kwi 2 bhiliyoni yabantu abagonyiwego bambalwa kakhulu abaye baneziphumo ezingalindelekanga ezimandla.
- Ukugonya kukhusela ukuba singaguliswa kakhulu yaye singabulawa yiCOVID-19. Iivaksini sele zisindise ubomi babantu abangamawaka-waka.



Isebenza njani ivaksini?

- Ivaksini iqhelisa amajoni akho omzimba ukuba akwazi ukuyibona ivayirasi icorona.
- Ukuba uthe waneCOVID-19, amajoni akho omzimbaaya kukhawuleza asebenze athintele ukuba ungaguli kakhulu.



Kutheni kufuneka ndigonye

- Akukho yeza leCOVID-19.
- Iivaksini ziya kukukhusela ungaguliswa kakhulu okanye ubulawe yiCOVID-19.
- Ukugonya lolona khuseleko lugcono 'kwiwei'yivu' zeCOVID-19 sinalo ukuze kubuyelwe kwimpilo yesiqhelo.
- Xa bebaninzi abantu abagonyiwego, ambalwa amathuba okuba abantu baguliswe yivayirasi.

Ingaba ivaksini iya kundinika iCOVID-19 okanye iya kundigulisa?

- Hayi, ivaksini ayinayo ivayirasi kwaye ayiyi kukunika COVID-19.
- Abantu abaninzi baye babe neziphumo ezingalindelekanga ezingothusiyo, njengentloko ebuhlungu nefiva. Ezi mpawu ziqala kwisithuba seyure ezi 6 emva kokugonywa ziphele kwisithuba sosuku 1-2.
- Oku kubonisa ukuba amajoni akho omzimba alungiselela ukulwa iCOVID-19.



URhulumente
weNtshona Koloni

Iziko loncedo leNtshona Koloni: 0860 142 142
www.westerncape.gov.za



Ndingalufumana njani ugonyo?

- Asikwazi ukugonya wonke umntu ngexesha elinye.
- Abo basemngciphekweni omkhulu wokufumana iCOVID-19 ngokumandla bagonywa kuqala.
- Ukuze ugonywe ungabhalisa ngokuthumela igama 'REGISTER' ku-0600 123 456 nangeWhatsApp okanye udayale *134*832# (mahala kwiinetwork zaseMzantsi Afrika) okanye usebenzise iwebhusayithi: <https://vaccine.enroll.health.gov.za>
- Ukuba awukwazi ukurejista, yiya kwindawo ekugonyelwa kuyo ekufutshane kuwe ufumane uncedo. Yiya uphethe iSazisi sakho.



Ndinganceda njani?

- Kukuncedisa ekubhaliseni abantu abaselungelweni lokugonya, ngakumbi xa bengenayo ifowuni yohlobo lwe-smartphone okanye abangakwaziyo ukufikelela kwi-internet.
- Kukufumana ulwazi kwimithombo ethembekileyo. Ukufumana olunye ulwazi, ngena ku <https://coronavirus.westerncape.gov.za/vaccine/>



Ingaba kufuneka ndigonywe xa ndandikhe ndanayo iCOVID-19?

- Ewe, amajoni omzimba endalo akomelelanga okanye akathathi xesha lide omelele.
- Ungagonya emva kweentsuku ezingama 30 xa uthe waneempawu zeCOVID-19.



Lixesha elingakanani eliya kuthathwa yivaksini ukundikhusela emva kokuba ndigonyelwe iCOVID-19?

- Ziiveki ezi-4 emva kwedosi enye yevaksini ye-(Janssen okanye JnJ).
- Ziiveki ezi-2 emva kwedosi yesibini yevaksini nge-(Pfizer). Abantu abagonyiwego, ambalwa amathuba okuba ivayirasi ibagulise.

Iivaksini azisebenzi 100%.

Qhubeka ngezilumkiso zeCOVID-19:



- Nxiba imaski



- Hlamba izandla zakho



- Gcina umgama wokhuseleko phakathi kwakho nabanye



- Kuphephe ukuba kwindawo ezixineneyo nezivalekileyo

**Masisebenzisane ukuphelisa iCOVID-19 emandla.
Gonya ngokukhawuleza usenako.
Nceda abanye bagonywe.**



URhulumente
weNtshona Koloni

Iziko loncedo leNtshona Koloni: 0860 142 142
www.westerncape.gov.za